# VAKALISA ULUVO LWAKHO!

# UMGAQONKQUBO OLUYILO OHLAZIYIWEYO ONGOYILO LWEDOLOPHU

ISixeko saseKapa siyazamkela izimvo ezimalunga nezilungiso ezicetywayo kuMgaqonkqubo ongoYilo lweDolophu (2013). Ukubaluleka kokuqulunqwa koMgaqonkqubo woYilo lweDolophu ngowama2013 kusukele kwinjongo yeSixeko yokuba inkqubo yolawulo lokusetyenziswa komhlaba iqhutywe ngokungqinelana nomgaqonkqubo. Ngexesha lokuphunyezwa komgaqonkqubo, kwachazwa ukuba iinjongo zomgaqonkqubo kunye neenkcazo kufuneka zihlaziywe amaxesha ngamaxesha ukuqinisekisa ukuba zihlala zifanelekile kwaye zenze utshintsho, ukuba kuyimfuneko. Emva kweminyaka engaphezulu kwesixhenxe, kwaqaliswa uphononongo oluzimeleyo kwaye kwenziwa nezindululo zokuphononongwa ngokutsha komgaqonkqubo.

UYilo lweDolophu lubandakanya ukudala ucwangco kunye nokukhuthaza ubudlelwane phakathi kwabantu, indawo eziyidolophu kunye nokusingqongileyo. Injongo yoMgaqonkqubo ongoYilo lweDolophu ujolise kukumisela iindawo ezisebenzisekayo, ezinomtsalane, ezicocekileyo, ezigcinakalayo ngokusingqongileyo, zibe nempumelelo kwezoqoqosho kunye neendawo ezinobulungisa kwezentlalo. Uyilo olululo lwedolophu lulandela ukwaziwa kwendawo kunye novakalelo lwendawo, ukuphendula kwezenkcubeko kunye neenguqu ezinenjongo lokusingqongileyo, kunye nokusebenza kwedolophu.

Ngokungqinelana necandelo 21 loMthetho weeNkqubo zikaMasipala, iBhunga linyanzelekile ukuba libonisane noluntu ngazo zonke izigqibo ezinokuluchaphazela. Uluntu lunelungelo lokuhlomla kwiMigaqonkqubo weSixeko. Inxalenye yenkqubo kukuba uluntu lunikwe ithuba lokuvakalisa kunyeokanye lunike iimbono kwisiphakamiso somgaqonkqubo oyilwayo ohlaziyiweyo ongoYilo lweDolophu.

Kukhutshwa isaziso ngokwecandelo 17 loMthetho wobuRhulumente boMmandla ongeeNkqubo zikaMasipala, uMthetho 32 ka2000, uluntu kwakunye namaqela anomdla anikwa ithuba lokungenisa izimvo okanye iimbono kumasipala ukususela ngowe19 ukuya kowama30 kweyeDwarha 2023.

Izimvo, iimbono okanye iingcebiso zingangeniswa ngezi ndlela zilandelayo:

- **Ngeimeyile:** Public.Participation@capetown.gov.za
- **Ngeintanethi:** www.capetown.gov.za/servicerequests
- **Ngokufakwa ngesandla:** Kwii-ofisi zamabhungana
- **Ngeposi:** Urban Planning and Design, Cape Town Civic Centre, Tower Block, kuMgangatho we16 4 bay side, 12 Hertzog Boulevard, eKapa, 8000

IYunithi yeSixeko yeNtathonxaxheba yoLuntu iyakuthi incedisane nabo bantu bangenakho ukufunda okanye ukubhala, abo bakhubazekileyo nabo baphuma kumaqela angathathintweni abangenakho ukungenisa izimvo ezibhaliweyo, ukuba izimvo okanye iimbono zabo zibhalwe kwaye zingeniswe kwiSixeko. Qhagamshelana noNathan Fisher kumnxeba 021 400 6686 okanye ngeimeyile nathan.fisher@capetown.gov.za.

UMgaqonkqubo oLuyilo oHlaziyiweyo ongoYilo lweDolophu uza kufumaneka ukuba ujongwe kwawww.capetown.gov.za/haveyoursay, kwii-ofisi zamabhungana nakwimizi yamathala eencwadi eSixeko.

**LUNGELO MBANDAZAYO**
**UMPHATHI WESIXEKO**
**CTA109/2023**

CITY OF CAPE TOWN
ISIXEKO SASEKAPA
STAD KAAPSTAD

**Senza inkqubela yenzeke. Sisonke.**